Imvo Za[illegible]

(NATIVE OPINION.)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices [illegible] to Natives throughout the Colony and the [illegible]

IXABISO 3d.] KING WILLIAM'S TOWN, [illegible]

Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukangelise lamayeza abalulekileyo.

Elika
COOK Iyeza Lesisu Nokuxaxaxa. 1/6 ibotile.

Elika
COOK Iyeza Lokukohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile.

Aka
COOK Amafuta Exilonda Nokwekwe. 9d. ibotile.

Elika
COOK Iyeza Lepalo. 1/6 ibotile.

Ezika
COOK Ipills. 1/ ngebokisana.

Eka
COOK Incindi Yezinyo. 6d. ngebotile.

Oka
COOK Umcisa Westepu Sabantwana. 6d ngebotile.

Oka
COOK Umgutyana Wamehlo. 6d ngesiqunyana.

Niqondise ukuba igama ngu

G. E. COOK, Chemist,

E QONCE.

Kuba ngawenkohliso angenalo igama laka.

Amayeza Abantsundu.

B. G. LENNON & CO.,

Abapitikezi Bamayeza,

E-[illegible].

NGOKU [illegible]

[illegible] Mr. P. H. [illegible], [illegible]

IYEZA LE PALO. [illegible]

IYEZA LOKUNQUMLA, [illegible]

AMAFUTA EXILONDA.

INCINDI YOKUPILISA AMAZINYO.

I.PILLS (Amapepusi) [illegible].

AMATONTSI AMEHLO ABULALAYO.

I TURLINGTON [illegible]

IYEZA lika LENNON LOKOHLOKOHLO.

IYEZA lika Stretch Lokuhlikihla [illegible] (Rheumatism) [illegible] njalo, namanye na.

J. E. L. KULLING,

New Street, E-Rini,

[illegible]

LENDLU [illegible]

M. KEEVY & CO.,

KWA NGONYI,

E-Shulerweni nase Durban Street.

Ngoku [illegible]

Ngolaya, Nesikumba, Zenkomo, Negibhokwe, Nezegusha.

Kanjako [illegible]

ISAKISO ESIKULU.

Amayeza ka (Nogqala) Jesse Shaw.

[illegible]

JESSE SHAW,

[illegible] Lenelcha.

The Laboratory, Port [illegible].

Kwabo bafuna Into ezintsha ezintle !

Buzani kuzo zonke ivenkile enimelene nazo impahla engaba ziyi tunyelwa sisitora sakwa

Aluveni, esise Qonce

YIYANI NONKE UKUYA KUBONA

INGUBO

IMINQWAZI

IHEMPE

IZIHLANGU

IZIKAFU NEZIGUBUNGELO

ITYALI

IPRINTI

IZITOFU ZOKUPEKA

Nezinye into ezininzi kakulu ukuba zikankanywe.

Indlu eseitunyelwa kuzo lempahla zezo

YUZI .. Egcuwa
Nakwa-Ndabakazi
HEDENI .. Emtata

Kuzakuvulwa ivenkile eyofunyanwa kuyo impahla epuma kwisitora sakwa Aluveni ku Lubisi Ebatenjini (Southeyville).

Into yonke etengiswa kwezindawo itshipu intle kanye.

Kunikwa amaxabiso alungileyo kanye kwezindawo zikankanyiweyo ngayo yonke into etengiswayo ngabantsundu enjengokudla, nezikumba njalo njalo.

JOHN J. IRVINE & CO.

IMPAHLA ENTSHA.

XUSANE UKUFIKA KWA

PASCOE.

ITYALI [illegible]
ITYALI [illegible] ilanga.
INGUBO [illegible] kakuhla.
[illegible] kanye.
INGUBO ZOKUTSHAZA; ZEKAKA ZIYASICKWA ZITUKOWE.
IMBLEKO, ILINEN, IPRINTI, ZENTLOBONTLOBO ZELOKWE [illegible].

BANTU ABANTSUNDU.

Lempahla [illegible]

[illegible]

GEO. B. CHRISTIAN & CO.

[illegible]

Hardware and [illegible]

BUILDING MATERIAL.

Groceries & Oilmen's Stores,

BRUSHWARE,

PAINTS, OILS, AND VARNISHES.

Pots—Kafir Hoes—Red Ochre—Cutlery, &c., for Native Trade.

ROUGH GOODS OF ALL KINDS.

GEO. B. CHRISTIAN & CO.

YEKA UKUSELA UTYWALA.

KODWA ke ukuba uyabusela, sela [illegible] webufumana ke kwa

C. DONIAN, Kwi Bala le Merike.

Yona [illegible]

THOS. H. COPELAND,

BATHURST STREET,

E-RINI.

[illegible]

NGUBO ZENTLOBO ZONKE

AMAFEGANE

NE NGCAWA

Engagqitwa [illegible] Kolonji ngobuhle.

Yona [illegible] nako mhlope.

Inyama ne Zonka,

Nento esinjenge kofu ne swekile zitengeni ko

BOURKE NO MARSH,

e Nyutawuni nakwisitalato esipambi kwe ofisi ngase mcanostweni.

UNGA UNGAGCINA [illegible]

[illegible]

BROOKS,

60, BATHURST STREET,

E-RINI.

YUZI [illegible]

[illegible]

W. BROOKS & CO.,

[illegible]

E-RINI.

[illegible]

Iholide [illegible]

[illegible]

JOHN J. IRVINE & CO.,

ISITORA ESITSHA,

Sengubo nobu Qeleqele beza Mankazana,

E-QONCE.

Ezamadoda Ihempe, 1/- 1/3, 1/6
Ibhulukwe ze Kodi, 5/-
Eze Twidi ibhulukwe, 4/-
Ibatyi ze Twidi (iqukunjelwe yonke) 6/6
Eze Twidi i Suti, 16/9
Ikeleko, 2½d.
I Printi (intlobo ezintsha) 3d.
I Linzi, 3½d.
Ityali ezimnyama, 2/-

Alikazanga libeko elinjengeli icam.

QONDANI!

UKUBA lo ugama lingase zantsi umiselwe ukuba ngu Mteteleli we Marike Oncedisayo, enikwe ne gunya loku tengisa zonke intlobo zempahla ehambayo nezinqwelo kulo msito wase Qonce. Ngoko ke ucela abahlobo bake abantsundu ukuba bazi zise kuye impahla zabo abatengisele Uyakuhlala esenza ngako konke ukuba abafumanisele elona xabiso lipezulu lase markeni. Xa impahla ingatengwanga akusokubizwa nto, xa itengiweyo imali yayo ifumaneka kwasemva kwe fandesi. Ngoko ke yiza, xelela nezihlobo zako ukuba zizise mhlaumbi zitumele inkabi, nemazi, namatole, namahashe, negusha, no hangu, yonke into e Qonce ku

O. DONIAN,

Umteteli Marike Oncedisayo.

Oyakuku nika nelona cebo lipilileyo lokutengisa ngokutya kwako ngexabiso elipezulu le Marike.

Lesasha, Paula, Funda, uze Utyise.

XA abalela abazasi bake abebetenga kuye, lo ogama lingapantsi namhla wenza isimemezo sokuba amalungiselelo nwegqibile okufumana impahla esela e Ngilane ize kuye agsaqa zonke iyanga. Impahla yokuqala eyakufika ne nqanawa yobalapa mayela pakati kuka August lo. Kusoo kubisiwe. [illegible] makela nge Mvaliso yeli lizwe sajengo boya nokutya njalo njalo kuba ndiya kuyitumela e Ngilane ngokwam.

P. H. POTTOE.

E Jojosi, July 27, 1886.

ABALIMI NA BARWEBI.

E MARIKENI.

[illegible]

E QONCE (Dec. 21).

[illegible]

[illegible]

Iveki.

UYACELWA wonke umzi ukuba ulinge kwangalenyanga uyifinyezele ekupeleni kuka December lo imali yepepa. Nentwana encinane iyakwamkelwa.

AMAWETU ase Ngqushwa mawangalibali ukuba u Mr. Innes, wase Kapa uzimisele ukuhlangana nawo esikolweni e Ngqushwa ngolwesi-Tatu oluzayo.

I PALAMENTE yase Natal ivumelene ukuba inkosi u Langalibalele maka buyiswe e Kapa anikwe indawana yokuhlala e Natal. Woba nokugcinwa kona ngendlekwana ezimalunga na £50 eponti ngonyaka. Iti i Natal iyadleka kukuba lapa kwake kuba ibhatala amakulu amahlanu eponti (£500) ngonyaka ku Rulumente wase Kapa ngokumgcina.

INGXOWA ye tapile ibi hamba esixenxeni masesi bhozweni seshelenì apa ngeveki egqitileyo kute kodwa kwaku ngena into eninzi evela ezifameni ngapandle gungxu yayi sheleni enetiki ne ndaliso ne hafu-golweni ingxowa.

INGOZI zoku dubulana azisavakali ngoku pakati kwabantu abamnyama, ziniuzi kwaba mhlope. Sesinye seziqamo zokuba sahlutwa imipu mhlaumbi.

UNCEDO lwe mvula lufikile iqale apa ukuna ukutshona kwe langa ngo-Mgqibelo, yapinda ngokuhlwa kwe Cawa, yapinda ngo-Mvulo. Ibiseyifuneka kunene imvula.

ITYALA le dindala lase Bhayi u Martinelli elimangalelwe ngento eninzi yempahla yabantu efunyenwe endlwini yalo alikapeli.

IBANDLA lama Ngesi lase Depende e Nyara kuvakala ukuba lifuna u Rev. J. F. Philip B.A. wase Graaff-Reinet ukuba aye kuba ngumfundisi wabo.

UMFO abati ngu Posthumus ubulele ihashe lake ngebhunguza esitalatweni sase Dodoloro. Uti lisuke lanepulumandara.

KUTE kusakupakanyiswa izandla e Palamente yase Natal bali 18 abati i Ruluneli u Sir A. Havelock makasuswe kweliya zwe agoduswe aye e Ngilane, kuba engavumi ukubonakaliswa incwadi nempendulo abazitumele o Free State ngumcimbi wokurafiswa kwempahla esuka e Natal esiwa negqitiswa e Free State. Babe sixenxe abayichasileyo lonto.

AKUKABIKO nto intsha ivakalayo kwela Mampondo, kufuadwa imvumelwano, ezenziwe no Rulumente ukuba ziqondwe.

KUKO ipetshana elibhalwa e Gcuwa elisand' ukuvela eligama liyi *Lantern*. Lelokuxela indatyana zommandla wase Gcuwa.

UMFANA omhlope ongu Cooper obehambisa incwadi esipuma e Posini apa e Qonce uso nkatazweni. Kulahleke imali abitunyelwe emntwini ifakwe pakati encwadini. Ute wakulandwa umkcado wayo waya kufakwa kuye, akakangqitisi.

U MR. JOHN HENRY L. BAT[illegible] umfundisana omtsha wase Tshatshi e Ngilane ugwetyelwe umnyaka onenyanga ezintandatu entolongweni esebenza nzima, ngenxa yokutshatisa umfana nentombazana engabizwanga amagama elyalikeni, bengenayo nemvume yakomkulu, bengakayigqibi neminyaka yokuba bangatshata ngcontyo. Umfana lowo ubadala bake li 18 iminyaka.

KUVAKALA ukuba pesu kwe Noiba kwa Gcaleka kwakiwa isikolo sasamente yama Roma Katolika nakelwa isiqwenga somhlaba kona. Sungelwa abantu abengangana.

[illegible] Kule Hospitile yala-pa e Qonce [illegible]

AMANENE ase Venteni [illegible] u Rulumente [illegible] Mr. Gelfrey [illegible]

[illegible]

[illegible] e Kolori.

[illegible]

U MR. STANFORD [illegible]

[illegible]

e Qonce, kovalwa ngo 1 ngolwesi-Hlanu, 24 Dec., kuze kuvulwe ngolwesi-Bini kusasa 28 Dec. Nge Nyibidala kuyakuvalwa ngo 1 Dec. 31, kuvulwe kwakona ngo Jan. 4 1887.

KUKO ulure lokuba u Rulumente wase Ngilane uzakumisa amadoda okucedulula imicimbi yelakwa Zulu, elama Swazi nelama Mpondo.

IMIKOSI iqalile iyabuya kwelama Mpondo. —Inkosi enkulu u Col. Bayly selefikile apa e Qonce. Iqela lama polisa lizakuba se Dikeni.

LATI lakugwetywa ityala lamapolisa ase Natal aye fane ehamba ebamba abantu bengenzanga nto, guququ amangalela omnye Umzulu ngoku watyola eteta ulwimi ebu ngqineni bake. Ugwetyiwe Umzulu watiwa nka ngenyanga zontatu entolongweni etsala nzima.

UM.TSHAYINA obeqelo ukumiselana nama Ngesi emafandesini ase Barberton zide zacapuka ngomnye umhla izikulu zalodolopu wati esabeka elake inani zamti gatya intsontela engenaqina emqaleni zamxhoma; wabonakala sele kabalaza esibhakabhakeni kuhlekwa. Kute kwakuba masikizi ayiqaula intsontela. Kwamangalelwa izikulu ezibini zamelwa nge waka leponti emnye ukulinda umhla wokugwetywa kwetyala.

INTOMBAZANANA ne nkwenkwana be Bhulu lase Transvaal bacolwe sebefile izidumbu zidada esigingqini ebesizaliswe yimvula. yindawo abebeqele ukudlalisela ngakuyo emakube kweyele udoli kwako ongenayo kanti nyakutshona wati omnye uyamnceda batshona bobabini.

ISELA elidala lase Natal u Macandu libuye lazimela. Ube lungisa ibhulorwana ye nyawo, lati xa idindala ebelimgcinile litya idinala yalo wati zibelele wazimela, nanamhla.

E BHULORWENI yase Gqili ngoku kurolwa imali enye yoku singa paya yodwa xa umntu ayakubuyelela. Into eyingozi kuko impahla engena kuwezwa inga rafelwanga ekufuneka umntu eke waya nenqwelo yake kwi Ofisi yomkangeli yakengeliswa iflara yake, lento ke yenziwa emini kodwa kuhlwile kuyavalwe:

KWI "Mpawana" zanamhla kuko incwadi ka Mr. Zechariah Maya oti inteto ka Hon. C. Brownlee ngama Mpondo iyinene, kanjako akenzanga ne halafu ukuzizela izenzo zama Rulumente. Apo bahlukana kona kuse kutini maka sele bulawa.

ABANTU base Noemera bade babonisa ubudoda nengqondo yoku wazi umbuso wase Mlungwini ukuti akufika kona u Sir Gordon Sprigg, bacele ukuhlangana naye bamxelele izikalo zabo. Pakati kwazi kenkanyileyo ibeyimali yamapekepeke ekwakutiwe yenzelwa ukuhlaula ityala lemfazwe, ukuhlutwa imipu, noka ncitshiswa kwe bhulandi.

AMADODA amabini aye gwetyelwe ukuxhonywa yi Jaji e Komani axhonywe ngom Gqibelo ogqitileyo.

IZOLO ngomhla we 21 December bekuko ingqungqutela ye ntlangeniso yezi kolo ezi petwe e Tsomo, ibi kulowo nzi.

UMBHALELI wetu opesheya kwe Noiba uti: "Umprofiti owavuka kwa Wezo uzixhomile ute akubanjwa ekubeni ebezimele entolongweni yokuya kubanjelwa nbusela babhulukwe zika Mr. R. Ndasgasa, wafakwa entolongweni. Akutshizelwa watshixa naye ngapakati, wabopelela iqiya yake pezulu inceikafana abedla ngokusinxiba: Kude kwavulwa ngamandla kwafikwa ejinga selefile umduna. Sinjalo isipelo salondedana ebizixela ukuba ingu Mprofiti owavuka kwa Wezo.

INTLANGANISO ye Ronaskapu yase Qugqwala ayibangako ngom-Vulo ogqitileyo ngenxa yemvula.

IDAYIMANI kwa Centane ibasanywa ngoku, abantu bawowela e Mbhashe apo kutiwa kubonakala impawu zegolide eyika niwa sokuba yoda ibe yiyo.

NOMVEKU ezayo ngumnyadala we Mbola, apa e Qonce yakuba elintsundu lendawo ngandawo.

UKUSUKELA e Qora kude kuye e Shixini kuto kakalala yi ngqakaqa kete owaka njo. Abanye bati lisakalala kodwa abayaziyo bati yi puludyani.

Imvo Zabantsundu.

NGOLWESI-TATU, DEC. 22, 1886.

BAMINZI abati [illegible] bazalazwa yalama Mpondo [illegible] inceba [illegible] ukuba [illegible] Mpondo [illegible] Rulumente [illegible] Ngilane [illegible] Njengokuba [illegible]

[illegible]

abamnyama abasakuba nanto bayifundayo enjengokuba babone ukomeloia kuka Rulumente." Lihambise liti "makabe u Mr. STANFORD (u NDABENI) uzifumene ekwindawo erara pakati kwaba ntsundu, ngenxa yehlazo eliviwe yi Koloni, nokuba angaba akasakutsho—yena kodwa ngu SPRIGG lo oyihlazise kangaka i Koloni kuba u NDABENI ube hambisa amazwi ka SPRIGG, ogama ukuba waka wanalo, lenzakaliswa yimfazwe ya Besutu; oselegqibe ngoku ukuba alutenge uxolo nangalipina inani nokuba elonani ligama elihle le Koloni."

NJENGOKUBA elipepa (i *Herald*) lase Mtata likaukanya ukuba u Rulumente ugxekekile kwabantsundu ngento ayenze kwelama Mpondo, singasuke siti aliyazi into eliyitetayo. Lomoya wabantu abamelene nama Mpondo awumhle, ubonisa ukuba asaya kukatazwa ama Mpondo ngama Rulumente amelene nawo, ukuze kubuye kudaleke izipitipiti.

KUKO nenye indawo. Ukungavani ko Rulumente nama Mpondo kubangwa kukuti inkosana ezinjengo JOJO no NOTA no SIYOYO zimke nomhlaba zize nawo ku Rulumente Ngubanina ongati akusakubuye kwenzeke oko?

ZIZO ezizinto ezibanga ukuba siti kuma Mpondo mawakaulezabhalele kwi pakati le Nkosazana ukuba atatyatelwe pantsi kwepiko layo njengabakwa MKATSHANE. Uko u Mr. CHALMERS ongqondo inkulu nonomoya wobuhlobo kwintlanga ezimnyama. Angafaneleka enikwe iwonga lika SIR MARSHALL CLARKE ema Mpondweni. Inkosi mazingoyiki ziti uzela ukuhluta amandla azo. Hai. Ngoyena uyakuba ngumcebisi wazo, agcine amandla azo, woba kanjako ngumlomo we Nkosazana, nguye oyakukusela ama Mpondo xa angxanyelwe ngama Rulumente elilizwe. Siyatemba ukuba sobehle sive ukuba amakosi asema Mpondweni aqalile ukuyicinga lento siyitetayo.

Amangaku.

U SIR GORDON SPRIGG uyixele ngobuciko bomnumzana into ebange ukuba u Rulumente angatandi ukuwacinezela ngedenga Amampondo, ute: "njengokuba ebesazi ukuba uxhaswe yiyo yonke i Koloni, nangu Rulumeni nabantu be Nkosazana e Ngilane, u Rulumeni wase Kapa ubenako ukuquba ngokundilekileyo, ngokoke bawabonakalisile amandla abo kubantu abebenokubatyumza ukuba bobetanda." Ukuba olu laulo lwesiNi lomnumzetu u Sprigg luya kuhambisa ngendlela yondileko mayelana nabantsundu, luya kubehle luzifumanele igama elilungileyo.

NGOLWESI-TATU lweveki engapaya ibandla lase Weslie lase Cala libe nesidlo ecolwane kwindlu ya Bellimi. Kwabako iqela elimnandi labantu, bavuma, betandaza kusenziwa inteto. Kute kuba ibisand' ukufika isantyi ukuvela peshe-ya kwagqitywa kwalokuba itumele umbuliso kuye intlanganiso. Oko kwenziwe ngu Mr. Duncan Makohliso, wapendula u Mr. Lovey ngendlela ekutazayo. Inxenye yabantu yayivela kwindawo ezimgama. Kuvunywa umhobe wo Nkosazana, wacitakala umhlambi ezincoma itamsanqa.

ICEBO NGESIMEKO.

[BOYCE MAMA.]

Kulendawo ka Mr. Peleza, yokuba selomisel' nokwaba lokuba kubilangeniswe umzi e Qonce ngo 12 Jan., 1887 ibekaulo noko lendawo ike ibeyilawo muya—ike ikutshelwa i Komiti ikangelwa. Ze ilinx zonke zesiyilahlala esandleni se Komiti iyingqiniso ngokubona kwayo.

Andilibonile ukuba ngendawo le kuyiwa e Kapa; neyona nto ibingafuneka ngu[illegible] [illegible] abantu [illegible] Nokuba [illegible] Komiti [illegible] e Qonce [illegible] Andizele [illegible] ka Mr. Peleza, ndiyayivuma [illegible] e Qonce [illegible] Ndiyatemba no Mr. [illegible] [illegible]

[illegible] be Dike ne Ngqushwa.

[illegible]

Impawana.

Nashiywa! Ayalamkela amanye ipepa. Yinina ukuba uti khenu-khebevu ngoloyiko? Pulapula into etetwa yonye:—Alicedale, 9 Dec., 1886.—NKOSI ETANDEKAYO,—Ndingavuya nkosi yam uta lamazwi am wawanikela ingqondo yako ngase kundipendulemi, mhlobo wam; ke into yile: ndalahleka ndasukela indawo engeyam ndabalekela kumzi wase mzini. Imbangi yile, ndati ngokungakoliswa lipepa lase Dikeni ndabalekela e Rini kwi *Penny Mail*. Ke ndilibone kabini ipepa lo *Mvo Zabantsundu*: ndazifumana ndilahlekile ngokungalamkeli ipepa lohlanga lwakowetu, ngokukodwa ipepa endilifumene libubom bam. Ndidanile, ndisidanele kanye ngokungalinoneleli elipepa kwase kuqaleni. Ke nkosi yam andifuni nokuteta into eninzi kuba ipapu lam lisapapazela. Ukutsho ke Mhleli wepepa lakowetu nditi, nceda unditumele ipepa ukuba unako, imali ndiyakuyitumela ekupeleni kuka December lo, ngendiyitumela kunye nepepa eli koko ndite ndayitumela e Rini kuba lixesha lokupela lam kubo. Ke kolwa ndim ngakwicala lemali. Enye into ukuba akunakunditumela ipepa undazise kamsinyane nkosi yam; uzuti ukuba undibhalele ungayibeki sitampu incwadi leyo, kuba andinqweneli ndleko kuwe ngam mhlobo wam. Mandipeze ngombuliso kuwe mnoneleli wohlanga oluntsundu.—T. M. M.

***

Kukade sisiva amadoda awuncoma kunene umsebenzi owenziwa si *Mvo Zabantsundu* pakati komzi. Angati onke lamadoda atakazelayo eke ntakazelo alomeleza ngerenzo—isheleni ezintatu nge kwata—kwakwintsuku zokuqala konyaka ozayo ingenziwa banzi *Imvo*. Wakuti ke, mlesi, wakuva nokuba ngubani encoma *Imvo* ukuba ililungelo kamzi, nae ubhala igama lake, ubiza isheleni ezintatu, uzitumela. Wobona loba nentlahla ipepa kwakamsinyane.

***

Ngoku kufuneka 500 amagama amatsha; efikile ziyandiswa *Imvo Zabantsundu*.

***

Zandisiwe kongena lendimbane yenteto zamadoda izalise ibokisi kule ofisi; kongenwa kanjako kwezinye izinto ezililungelo kuwo wonke umzi.

***

Elinani linokwenziwa kapukapu ngokuti imizi ibambisane. Makuzelwe e Bhayi nakwa Daliwo—kubeko kumzi ngamnye i Komiti yamadoda namadodana anazo intliziyo ezikanyiselweyo ngotuba elinamalungelo omzi lo wakowetu, yokuzama abantu ukuba basincede kulomsebenzi mkulu kunene wokupakamisa isizwe.

***

Ukutsoliza into esiyitetayo: make amadoda aselelibonile ilungelo lokubako kwepepa eli le *Mvo Zabantsundu* akwezindawo zizikankanyayo azenze ikomiti ovanayo neyomeleleyo ukuzama lamanani siwamisayo kulomimandla yawo, kesibone ukuba ayikunootukena ingwelo:—I Port Elizabeth 20 amagama amatsha. Graham's Town, 10. Uitenhage, 10. Graaff-Reinet, 10. Somerset East no Cookhouse, 10. Cradock no Middelburg, 20. Bedford ne Qobi no Adelaide, 10. Seymour nezipaluka, 10. Fort Beaufort, 10. Alice namixanka, 10. Annshaw, Knapps Hope no Marala 10 (kuba lemilambo ibatataka kakadeni). Fauleni nase Mdizeni 10. Izukwane no Lose, 10. Umngqesha no Mgqwakwebe, 10. King Wms. Town, 10. Kimberley, 20. Barkly West, 25 (esilihlanganiswa yi ntlaba-nkosi u Mr. Melani Vella). Jagersfontein ne Bloemfontein, 10. Aliwal North ne Rouxville, 10. Burgherdorp no Molteno, 10. Lessayton nezipaluka, 10. Queen's Town, 10. Mount-Arthur nezipaluka, 20. Indwana ne Saplaus, 10. Cofimvaba ne St. Marks, 10. U Dalivo ne Shiloh, 10. I Stutterheim ne Zikoga ne Zele, 10. Umta nezipaluka, 10. Emgcalini nase Votlisi, 10. I Namaqua nezipaluka, 20. I Skapu nezipaluka, 10. I Heald Town nezipaluka, 20. Izura nezipaluka, 10. I Tamara ne Qagqwala, 10. I Mount Coke ne Rode, 10. I Sauervile ne Tuku, 10. Umtali ne Ezebula, 10. Ebisa ne Ciska, 10. I Bathurst ne Salem ne Kanala, 10. I Cawa ne Tapolisi, 10. Eqipiliso ne Herschel, 20. Barkly East, 10. Eqipaluka ne Cala, 20. Indoana, 10. U Tsolo ne Qumbu, 20. Ebenezi, 10. Tsabungwana, 10. Umzimkulu, 10. Emfundisweni, 10. Emgwali (wase Batenjini) nezipaluka, 20. Emgwali (wakwa Ngqika), 10. Igcuwa nezipaluka, 10. Etoleni nase Tyinim, 10. Inggamakwe ne Ntlinza, 10. Ezaza (kwa Lurakwa), 10. Idutywa, 10. Igcuwa, 10. Emxuzuni ne Gwabe &c., 10. Imonti, 10. Umtalo ne Qoboqoboqa, 10. Tyumo ne Nomadola, 10. Oaisberg, 10.

***

Naku ke kuba esoliweku kwaya. Sovaya ekakakaliswa indaba ezikazyelana nokuqhuba kwalemanani kalaimandla ngeminandla. Ukuba lamanani abeziwayo *Imvo* ziyakuba [illegible] uku nezibilisi wokuzigisya [illegible] ngapo wana tshawo. Ke-[illegible] anye [illegible] ke!

***

[illegible]

***

[illegible] Kessile kuviliti [illegible] esikulu anfundisi [illegible] lolelo amo [illegible] Kessile kuviliti [illegible] Ngomva [illegible] ke Ruili. Mhla [illegible] umanzelo [illegible] ulike Mhlanga cansatlor' e Mbacha. Lage yeyaho ebeye e Ngangaliswa neye abe [illegible] ke Rili. [illegible] Amagqirha [illegible] e Rayilo.

Ngolwesi-Bini lwevcki engapaya kuvele imfihlakalo ebikade ibaximele abantu e Bhayi. Kumanzu kulahleka impahla yabantu kalodolopu ingabonakali nomkondo wayo, kanti lempahla ibiwa lidindala elinge John Martinelli. Nokuse lifunyanwe kubonwe ibulukwana ebi nxitywe yinkwenkwana yake ibonwe ngumniniyo esitalatweni. Endlwini yalo kufunyenwe ikula lezilotile ezivela wonke umzi.

***

Kute ngenxa yokupitizela kwenteto ekutetweni kwetyala lomhlaba ka Kama pambi ko Mr. Brownlee ngeveki epelileyo u Mr. Kama wafuna igqweta u Mr. Charles Innes. Isipelo salo kugwetywe u Mayi kwabonakala mhlope ukuba lowo ka Ntlokwana uyabanga. Siyatemba ukuba wok' apumle u Mr. W. Kama.

***

Ute akuqanka umfo ogule ixeshana elifutshane e Tois Pan Edayimani amqangqulula amagwangqa efuna ukuqonda into embuleleyo kuba eberancla ukuti uginye idayimani. Okunene kufunyenwe iqela lazo zisuke zayimbumba etanjini, kwabonakala ukuba lemihla ube mana eziginya, kanti ziyaqokelelana zatintela ukusebenza kwamatumbu wafa. Abasebenzi belezwe mabakunyeke ukuba idayimani. Akunani ukuba lihlwempu elinge. naluvalo kunokuba sityebi esiuamaxhala nesiti sibleli nje lube lungombora uvalo ngalompahla sinayo.

***

Ibandla laba Zili-Tywala base Barkly East liqinisekiswe ukusekwa ngomhla we 27 ku November 1886. Igama lalo leba yi "Tyumbu Temple"; amalungu angeneyo 30. Mhla yamiselwa kwakubleli ngapambili u Mr. W. F. Sheptone, enoedisws ngu Mr. W. G. Kirkpatrick obebhala. Amagama abapati abanyulelwe le kwata yokuqala ngala:—Afrika Oliphant, C. T., Joseph Price, V. T., Isaac Letlaka, Sec., Daniel Abram, Treasurer, Swartland Tsotetsi, Chaplain, Jacobus Scheepers, Marshal, W. Sipika, Inside Guard, Frans Nxowo, Outside Guard, Jacob Wabantwana, Assist. Marshal. Intlanganiso zingena yonke imi-Gqibelo kwi Tyalike yaba Ntsundu. Le Tempile ngati iyakwenza umsebenzi omkulu.

***

Kuko inkolo kweli lizwe ukuba amawetu amelene nama Mpondo ebenga ungatyunyukwa lowomzi. Lenewadi ibonisa ukuba akunjalo. Iyasivuyisa ngoko:—Mnumzetu Mhleli. Nam ndipose amazwana nambla nam, ndisuswa ngamazwana ambalwa endiwabona epepeni apa awati maketyunyuzwe ama Mpondo, etetwa yonye yamadoda atembekileyo ukuba angatablobo babantu abamnyama lowomfo ka Bhulunzeli. Manditi asinguwo umnqwano wetu tina bantu base Mbo ukuba kuliwe nama Mpondo kuba ngabantu bakuti ama Mpondo, bezinga anga hlala ehleli elahlanga engatunyuzwanga. Ndingati aba bati makuliwe bangaba betwa lusizi lwabantu abamnyama abakwelilizwe abahlali beresinyembesini ngenxa yokulahlekelwa bebelwa baze bayilandele impahla yabo kwaliwe nayo ngama Mpondo bayishiye beyibona; ezinye zibangwa ligazi laba hlobo betu abafela impahla zabo ati umntu akuti yinto yam le kutiwe ngaba namzana kukwa Nyawuza lapa avelo omnye ati bi betu ayikuba nilibele kuku xoxa kanenena magwala ndini sikeni umntu owo angab'edukisa apa, kuba kayapala ke lilala ambete kowakwa Rulumente umnle. Sizintaka tina kuma Mpondo. Lowo mfo ka Bhulunzeli ozonzatu azisaiye siyi heleta ezincweni nama Mpondo nokoko mna andingi angabulawa kodwa anga angangena emtetweni kutotywe ezixeso zawo zibi kangaka ukuze sonwabelane nawo, kona ngapandle koko akusoxa kulunge. Zendiqondo kakuhle ndikwa ngumbiko wohlanga kwa nesihlobo sako Rulumente.—ZECHARIAH MAYA.

Abafundisi base Wesile e Rini.

[ITUNYELWE]

Lentlanganiso yomnyaka ingone e Rini ngomhla we 24 ka November, yonganyelwe ngu Rev. F. Mason (President of the Conference, & Chairman of the District.)

Umsebenzi wentlanganiso waqutywa kakuhle kakula.

Kwisiuto ekwabako ingxoxo kuzo, singakankanya umcimbi wase Bhayi ongolusolo-hall abekona ukulubiza yi Hop-beer. Yabonakala ingoyiyo kanye lento kutiwa kwezinye indawo yi Hop-beer. Yafuntaniseka lisolo olushushu olanikwo igama le Hop-beer kodwa; olutengiswa ngapandle kwe *Licence olutengiswa nange Canteen*, olungililayo. Lento yabambi kakulu. Yakubonakalisa ukuba yandisa usele pakati kwama Kolwa nokwapulwa kwe Sabata ugama Kolwa, nento emayipeliswo pakati kwanda Kristu akowetu. Siyatemba ukuba abantu bakowetu base Bhayi bayakuyilwa ipele.

Kwaba yinto eyaba bubulunga kanjako ukuva ngembandazelo epezu kwabantu base Ntsel, nakwa Qoboqobo, nakwa Matolo ngokubizwa kwo Rafu. Lomcimbi wanikelwa kumadoda amatutu ukuba avusingise kwi Committee of privileges ukungelwe ngu Rulumente.

Amagosa awako yabangela Heald Town Mr. N. Mngqibisa; Port Elizabeth Mr. F. Thomas Sakuba; Uitenhage Messrs L. Gorra & B. Nchlogo. Horton Mr. P. Mngqiba; Durban Mr. A. Merabana. Tsiku Mr. T. J. Mganda. Amatolo Basie Caleb Khon. Mhlambiso. Enova kwa micimbi eyafuna amagosa, kwesigiyelwa ebana abafundisi bodwa. Amadodana amabini enva kokuba olugala aaiagianwo kwi Conference ukuba angabekwa ngokunalego, ngo Revs. M. Sephaphar no J. Mhlokwe. Enye indoda enve kolunyiwa kwayibiswo kwelelasiko anafipa e Heald Town ukuya kufunda, engu Mr. [illegible]. Nguse kwenzwa ngendawo [illegible] Mantiki lomcimbi awele intlinika ezinintsu nomagale [illegible] mada [illegible] ngowenta lo [illegible] Heggileda [illegible] [illegible] [illegible] ngokulwetha kodwa.

[illegible] ngu [illegible] ka Tixo ziyayinz bonke [illegible].

Ixesha ngomhlambi yesitatu ngo-Mvulo (29 November) intlanganiso ayolo kuaese exelise bonke abakakuyo. U-Mongameli wayo nimfumanele evindela engqondo inkulu, olungileyo, engekeli bala. Abantu base Rini babonakalisa ukubela ebukele. Abanyulelwe ukuya kwi Conference ngu Rev. G. Kakaza no Mr. Philip Job.

IDAYIMANI KWA CENTANE.

[ANDREW GONTSHI.]

Alicevile, 27 Nov., 1886.

Mhlaumbi ungatanda ukuva udaba oluqinisekileyo ngale dayimani ifunyenwe kwa Centane ngomntu oke waya kwa Centane wahlangana nomlungu oyicoleyo izo clodaba ulufake kwelopepa lako elibekekileyo lohlanga; Ize abakude baziketele ngokwabo imfanelo yokuza nokungesi kwa Centane.

Ngom-Gqibelo ogqitileyo (ngokuva lambantlanya sokuba idayimani ifunyenwe kwa Centane ngumlungu wevenkile okona) ndikwele ndakuqqita kuye umlungu lowo uyicoleyo; ndifikile, ndibuzile ukuba yinenena ukuba ucole idayimani? Umlungu (u Mr. W. Wilson) ute ewe, yinene, bendisimba ifuta emngxunyeni pezu ko Centane, ndayicola. Ndibuze ukuba kuko ubungqina ukuba yiyona? Ute ewo—izazi ngedayimani zite yiyo.

Ndikuvile oku ndigqitile ndaya entabeni, ndafika nambla kupitizela, sekumo intente ezisixenxe nenqwelo ezintatu nane. Ndabona ukuba intaba seyicaudwe kakulu, imingxuma (claims). Bebaninzi abelungu nabantsundu (abambalwa). abatate imingxuma. Kwabantsundu umnumzana u Capt. V. Bikitsha, namanene o T. Ndwandwa, no Joseph Mazamisa sebeqala ukusebenza. Ndibuzile, ndangqinisisa, ndibamba amalawu. Ndifumene ukuba okwangoku akukabiko dayimani intsha ifunyenweyo, ngapandle kwaleya yalilaba umkosi, nokoko kusand' ukuqalwa ukumbiwa andikolwa, kungapezu kweveki kuqaliwe ukumbiwa ngaba bambalwa baqalilayo.

Enye indawo endiyipauleyo kukuba abantu (abelungu) bazamana befika becanda i *claim* bemka. Uhlobo lomhlaba kungqinekile kwizazi ezitile ngedayimani ukuba ngobamba idayimani ulifuta pezulu, wayo ombiweyo uxuba nentlatsana ezibengezelayo zamatye.

Kuko kanjalo ubungqina obuvela kuma Gcaleka (nam ahlala endiballsela) ukuba nganyakana utile u Sarili esemi, kwako kwako unyikimo olutile ku Centane apo, kwapuma umsi (volcano) abati ke ngoku abazizazi ngedayimani, olo iba lupau lomhlaba one dayimani.

Ngokwesibonakalo somhlaba nezinye impau-mpau ezibakoyo kumhlaba one dayimani izazi ziyavumelana ukubeni idayimani ingako.

Kodwa ke abantu abakude ngeko balinde baqonde kakuhle manditi inyanga ezimbini bangafumano beze ngoku izinto azikaqondakali kanye. Mhlaimbi ingako idayimani, mhlaimbi ingabiko kwa Centane. Mna andikufihla nto ukuba kuko ezibuye zafunyanwa ndaqonda ukuba umsebenzi uyabamba ndobuyo ndikwazise.

AMANQAKU NGOKUYA E KAPA.

[YINTWANA YASE LUHLANGENI.]

Kaundifakele lamazwana, ndifuna ukwazi kumakowetu ngalentlanganiso kutiwa iyakuba se Qonce ngo 13 ka Jan., bada bemiswa nabantu abalindelweyo. Ndifuna ukwazi ukuba upina ummemi, intlaba-mkosi yalentlanganiso? Kuba ngoku kuvakala umsekendishi. Yinina lento isuke ifane nembali yenqulo nomvundla, elati inqulo layekala okuzukeni kanti liza kusala lizidela amagwanisho alo, nango umvundla andlandlalaka wodwa. Ukutsho ko Endinava oka Kawa lento seyipetelwo ngoka Pelem. Naye andinanto yokumcasa. Into endifuna ukuyazi yeyokuba ivunywe zizipina izizwe, okokutsho kambe ndiketa inkosi zentlanga. Ukuba ke ylava epuma mutwini mnye izizwe zoyikangela njengeliya bizelo kutiwa: "Ungayi ebizelweni"; nokaya e Kapa njengesikorobana samadodana afundileyo. Lamanene amagama asepepeni lo *Mvo* ndifuna ukwazi ukuba aya egameni lika Mr. Pelem na, nokuba emegameni awo na? Kuba kuni ngati awazizo ne *Delegates* ne *Representatives* zendawo azuka kuzo neziswo azinaleyo, oko kukuti amelene nazo. Ke mandicaciso njengokubona kwam: amadoda lawo aya egameni lika Mr. Pelem qa, anyulwa nguye, ablawa nguye. Umhla nendawo ziniswa nguye. Aciva ukuba yena umiswo ngu Mr. Kawa na, nokuba ngubanina omnilileyo. Amalungu selexelelo ukuba ayakuhamba ngendleko zawo. Selenga nge'ti nokuya e Cape Town amanene ayakuzibhatalela indleko zawo. Kumbla esisa kukona ukuba kanti ifuluneli le lnakwenza umsebenzi ongako ukuba mkulu kwawo.

Umlungiseleli wendlela yentlanganiso ngu Mr. J. Tengo-Jabavu, ndikolwa naye uyakuncedwa ngu Mr. Don Tengo-Jabavu kuba yonke lento ayakuyenza ngendleko zake.

